



ULonwabo

ULonwabo wayeyinkwenkwana eneminyaka
elishumi.



Wayehlala nomama nomakhulu wakhe
kwikhaya labo
kuQoboqobo.





Umakhulu wakhe wayenesitiya
semifuno esasichume kakhulu

Wayencedisa umakhulu wakhe ngoku
nkcenkceshela imifuno ahlakule esiti-
yeni



Into eyayimhlupha yayikukuthutha amanzi
okunkcenkceshela emlanjeni. Wayengonqeni
koko wayehlutshwa ngabahlobo bakhe
ababesoloko bemhleka xa esihla iqhina esiya
emlanjeni.



Ngelixa abahlobo bakhe bedlala ibhola yena
uhla enyuka eloqhina eyokukha amanzi onwabile.
Babemhleka bekhwaza besithi “Ngumsebenzi
wamantombazana lowo asoze senze lo nto thina”



Wayengabananzi, wayebahleka anikine
intloko aqhubeke nohambo lwakhe.




Eyona nto yayinzima yayikuku-
nyuka iqhina ephethe iimbombozi
ezigcwele ngamanzi





Wayesoloko ecinga ngendlela aye
azive ngayo xa ephakathi kwisitiya
eso sakhe nomakhulu wakhe. Wayeba
nolonwabo olumenza alibale tu ng-
abahlobo bakhe.

Wayenukiselwa livumba elimnandi
lomhlaba ovundileyo, abukele na-
maggqabi esipinatshi xa enga-
maphekepheke.




Xa Umakhulu wakhe esikha iminqatha
wayethanda ukuqikelela ukuba kuzakuphu-
ma ibemingaphi na phantsi komhlaba

Ezingcinga zazimenza uLonwabo
angayiva indlela enyukayo neqobayo
ephethe iimbombozi zakhe




Isidlo awayesonwabela kakhulu sesasemini, sasiphekwa ngumakhulu wakhe ngelixa yena esesikolweni. umama wakhe ephangele. Wayefika ukutya kwakhe kuphezu kwetafile.



Akugqiba ukukhulula iimpahla zesikolo wayehlala phantsi enze umthandazwana omncinci akugqiba atye.





Umakhulu wayepheka iintlobo-
ntlobo zezidlo; indyandya, isophu,
umxhaxha, umqa nezinye izidlo
angazangewambona umama
wakhe xa epheka isidlo sabo san-
gokuhlwa.



Wayezonwabela ulonwabo
izidlo zakhe ze athi xa eggibile
ahlambe isitya sakhe athathe
isitulo, iphepha kunye nepensile,
ahlale ecaleni kukamakhulu.

Wayehlala naye bancokole ngesidlo eso
agqiba kusitya, ambuze ukufake ufake zin-
to zini.



Wayesithi xa emxelela ukuba ufake ntoni kweso
sidlo, akubhale phantsi konke oku uLonwabo.



